ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Shané Joubert**
ICandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso
Shane.Joubert@westerncape.gov.za | 021 467 2217

URhulumente weNtshona Koloni

Inombolo yefayili: 14/2/4/SNAP Survey
Isalathiso: 20231117-9980

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso: 0001/2024

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe nakwiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezezikolo ezizimeleyo

**Isihloko: ISaveyi eQuphayo (*SNAP Survey*) yeSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) yango-2024 yezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezikolo ezizimeleyo**

1. Isaveyi eQuphayo (*SNAP survey*) yezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo neyezikolo ezizimeleyo iya kusetyenziselwa ukulawulwa nokuphathwa kwezikolo, kwakunye nokukhutshwa kwezibonelelo ukulungiselela owama-2024.

2. Isaveyi eQuphayo mayizaliswe yaye isayinelwe yinqununu kwi-*CEMIS* **ngowama-30 Januwari 2024** (usuku lweshumi lwesikolo).

3. Phambi kokusayinelwa kwayo kwi-*CEMIS*, inqununu mayiqinisekise oku kulandelayo:

   a) Bonke abafundi ababhalisiweyo nabahamba isikolo ngowama-2024 mabavele kwibakala nakwiklasi echanekileyo yabo kwi-*CEMIS*.
   b) Bonke abafundi ebekulindeleke ukuba babuyele esikolweni, kodwa abafika esikolweni ukuza kubhalisa ungadlulanga owama-30 Januwari 2024, bayakhutshwa ezincwadini ngokungqinelana nomgaqo-nkqubo wokuhamba isikolo kwabafundi. (Aba bafundi banokubhaliswa kwakhona kwi-*CEMIS* ukuba beza kubhalisela ukwamkelwa esikolweni emva kowama-30 Januwari 2024.)
   c) Abafundi abaswelekileyo bayakhutshwa ezincwadini yaye "umhla wokusweleka" ubhalwe njengoko uchaziwe kwisatifikethi sokusweleka.
   d) Ilisti yootitshala/yeepraktishina ezikwi-*CEMIS* mayihlaziywe yaye ingqinisiswe, ukususela ngowama-30 Januwari 2024, yaye kungqinisiswe nemeko yokuqeshwa kwabo.
   e) Icandelo lokusayinelwa kwesaveyi malizaliswe ukuvuma ukungqinisiswa kwedatha njengelibonakalisa ngokuchanekileyo inani lobhaliso labafundi kunye nenani labasebenzi (*staff*), ngowama-30Januwari 2024.
   f) Kukhunjuzwa iinqununu ngendima yazo njengamagosa asingethe i-*Education Management Information System* (*EMIS*) kumaziko yaye kufuneka ziqinisekise

ukuba ingcaciso efakwe ekhompyutheni ngethuba lesaveyi eQuphayo ibonisa ngokuchanekileyo amanani abafundi nawabasebenzi esikolweni ngolo suku.

g) Iinqununu maziqinisekise ngokungaphezulu ukuba amanani abafundi afakwe kwisaveyi ye*SNAP* achanekile, njengoko iimposiso yokungachaneki kwamanani abafundi ithathelwa ingqalelo njengesenzo sobuqhophololo.

4. Ukuncedisa ukungqinisiswa kwedatha yabafundi neyootitshala yesikolo, kukho iingxelo zeemposiso ezininzi ezifumanekayo eziya kukhokela izikolo ngokuchaneka kwedatha ekhoyo efakwe kwi-*CEMIS*. Kucelwa kuqinisekiswe ukuba zisonjululwe zonke iimposiso njengoko zibonakala kwiingxelo phambi kokusayinelwa kwazo. Umgangatho wedatha ye-*EMIS* uya kuqhagamshelaniswa nemimiselo nemigangatho yokwenziwa kwentlawulo (*norms and standards transfer payments*)

5. Inqununu, njengegosa le-*EMIS* yesikolo, kufuneka ilawule iinkqubo zedatha ukuqinisekisa ukuba ubungqina bokungqinisiswa kwazo neesignitsha zabasebenzi abanikwe igunya lokutshekisha idatha bunako ukuvezwa xa kuceliwe ngabaphicothi-zincwadi. Inkqubo yedatha eyi-*data business process* ye-*EMIS* yesikolo kufuneka irekhodwe ukuqinisekisa uxanduva lokuchaneka kwedatha, njengoko inako ukuhlolwa ingcaciso.

6. Umhla osikiweyo olungiselelwe abaphathi beesekethe ukuba basayinele idatha yesaveyi eQuphayo (*SNAP survey data*) ngowe-**06 Februwari 2024**. Abaphathi beesekethe kuya kufuneka babeke esweni inkqubela yaye abasayi kuba nako ukuzisayinela iisethi zeedatha zesaveyi ukuba kusekho iimposiso nalapho iinqununu zingazisayinelanga iisaveyi eziQuphayo zazo (*SNAP surveys*).

7. Ikhona ingxelo ye*CEMIS* efumanekayo ukuqaphela abafundi abangenazinombolo zezazisi (*ID*) nokulungiselela ukufakwa ekhompyutheni kweenombolo zezazisi (*ID*) ezingekhoyo. Niyacelwa nimcebise umzali ngenkqubo yokwenza isicelo sesazisi kwiSebe leMicimbi yezeKhaya (*DHA*), ukuba umfundi akanayo inombolo yesazisi (*ID*) esemthethweni. Iinqununu zikhunjuzwa ngeSetyhula 0053/2021, yomhla we-09 Matshi 2022, engokwamkelwa kwabafundi baseMzantsi Afrika okanye abavela kwamanye amazwe abangenawo amaxwebhu ayimfuno yaye ziyacelwa ukuba zibancedise abazali, apho kunokwenzeka oku, ngokuthi ziyiququzelele le nkqubo kwiSebe leMicimbi yezeKhaya.

8. Apho nifumana khona iingxaki zokwenziwa kwenkqubo kwikhompyutha xa kuzaliswa isaveyi eQuphayo (*SNAP survey*), kucelwa niqhagamshelane ne-*Schools IT Services Desk* apha **021 834 4690** okanye ne-***SchoolsIT.Servicedesk@westerncape.gov.za.***

9. Apho kuye kwakho naziphi na iingxaki ekuzaliseni kwale saveyi, niyacelwa niqhagamshelane nomphathi wesekethe ochaphazelekayo okanye negosa lesithili elidweliswe apha ngezantsi:

| ISITHILI | IGOSA LESITHILI | INOMBOLO YEFONI | I-IMEYILI |
|---|---|---|---|
| *Metro North* | Siviwe Mdelo | 021 938 3052 | Siviwe.Mdelo@westerncape.gov.za |
| *Metro Central* | Anita McGrath<br>Tercia Southgate | 021 514 6751<br>021 514 6737 | Anita.Mcgrath@westerncape.gov.za<br>Tercia.Southgate@westerncape.gov.za |
| *Metro South* | Anastasia Kinnear<br>Masixole Stofile | 021 370 2120<br>021 370 2106 | Anastasia.Kinnear@westerncape.gov.za<br>Masixole.Stofile@westerncape.gov.za |
| *Metro East* | Buseka Ndinisa<br>Thembeka Dlamini | 021 900 7305<br>021 900 7011 | Buseka.Ndinisa@westerncape.gov.za<br>Thembeka.Dlamini@westerncape.gov.za |
| *West Coast* | Kurt Lewis | 021 860 1596 | Kurt.Lewis@westerncape.gov.za |
| *Cape Winelands* | Kevin van Eeden<br>Ferrin Stellenboom | 023 348 0635<br>023 348 0661 | Kevin.vanEeden@westerncape.gov.za<br>Ferrin.Stellenboom@westerncape.gov.za |
| *Overberg* | Suzanne Braaf | 028 214 7411 | Suzanne.Braaf@westerncape.gov.za |
| *Eden and Central Karoo* | Romelda America<br>Keith Zibi | 044 803 8367<br>044 803 8346 | Romelda.America@westerncape.gov.za<br>Keith.Zibi@westerncape.gov.za |

10. ICandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso liya kubeka esweni ukuthotyelwa kwale nkqubo, umgangatho wedatha engenisiweyo nokusayinelwa kwesaveyi yenu ye*SNAP* engenisiweyo yaye liya kunika ingxelo ngako konke ukungathotyelwa kwale nkqubo, ngokungangqinelani nokungapheleli kwayo idatha kwiNtloko yeSebe leMfundo.

11. Ziyakhunjuzwa izikolo ezizimeleyo eziqhelekileyo ukuba mazibe nolwazi ngemimiselo yobhaliso yazo. Makuqatshelwe ukuba ukulandela mbo iimfuno zedatha zeSebe i*WCED* kuyinxalenye yale mimiselo yaye ukungathotyelwa kwemiqathango kwayo kunokukhokelela ekubeni izikolo zikhutshwe ezincwadini.

12. ISebe i-*WCED* liyalithakazelela igalelo nokuzimisela kwawo onke amagosa ezemfundo yaye liyijonge ngethemba intsebenziswano yenu eqhubeka okoko ngowama-2024.

**ISAYINWE:** NGU-MS ABRAHAMS
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO**
**UMHLA:** 2023-12-12